





## Usodolophu ophetheyo nekomiti

NgokweSaziso sama-28 kuMeyi wama-2003 sesiHlomelo soLungiso seSithathu sikaMasipala wase-Overstrand, i-Overstrand ngumasipala onenkqubo enosodolophu kwanenkqubo yewadi.

Kwintlanganiso yokuphehlelelwa kwalo, ibhunga linyula uSodolophu oPhetheyo kwanoSekela-Sodolophu oPhetheyo.

Umntetho uvumela uSodolophu oPhetheyo wase-Overstrand abeke iKomiti kaSodolophu enamalungu amahlanu, ngokuqhelekileyo elinye lalo elinguSekela-Sodolophu oPhetheyo. Ilungu ngalinye kula likhokela iKomiti yoMsebenzi, equka amalungu awo onke amaqela ezopolitiko akwiBhunga. E-Overstrand, ezi komiti zinxulumene nezigqeba zolawulo, ezizezi: IziSeko ZoPhuhliso NoCwangciso, EzeMali NoPhuhliso LoQoqosho, IiNkonzo ZoLuntu, IiNkonzo ZoKhuseleko NeeNkonzo ZoLawulo.

USodolophu oPhetheyo, amalungu eKomiti kaSodolophu kunye noSomlomo bangooceba abasisigxina.



### Usodolophu OPhetheyo Uceba uNicolette Botha-Guthrie

Kwintlanganiso yokuphehlelelwa kwalo, iBhunga ligqiba kwelokuba onke amagunya angekho phantsi komthetho kwiBhunga ngaphandle kwalawo anikwe amagosa afanele anikwe uSodolophu oPhetheyo. Xa kusenziwa izigqibo, uSodolophu oPhetheyo ngokuqhelekileyo uya kunika ingxelo kwiikomiti zeBhunga kwaye uya kuzinika ingqwalasela kwintlanganiso yeKomiti kaSodolophu, uluntu olunokuyizimasa. Ukwaxhuzul' imikhala nasekuqulunqweni nasekusetyenzisweni kwesiCwangciso esi-Hloniyelweyo soPhuhliso, ulwabiwo-mali lukamasipala, uHanjiso lwee-Nkonzo kunye nesiCwangciso sokuSetyenziswa kolwabiwo-Mali, ulawulo ngendlela ekusetyenzwa ngayo, inxaxheba yoluntu kwimicimbi yebhunga neenkonzo zamaqumrhu onxibelelwano aze enze nothweso-zimbasa. Unika ingxelo kwiBhunga.



### Usekela-Sodolophu oPhetheyo neLungu leKomiti kaSodolophu uNtsumpa uPieter Scholtz

Ukongezelela kwimisebenzi yakhe njengoSekela-Sodolophu, lijongene neziSeko zoPhuhliso, Ucwangciso NeeNkonzo ZoBugcisa, eziquka:

- Amanzi neeNkonzo zoThutho;
- IiNkonzo zoBugcisa;
- Ulawulo lweprojekthi noLawulo loPhuhliso;
- Ucando lweDolophu noLawulo loMhlaba;
- Ulawulo LoLwakhiwo;
- IiNkonzo zoLawulo lwezeNdalo;
- Ulawulo lweNkunkuma; kunye
- NeeNkqubo zeNkcazelo yoKuma koMhlaba.

### Iilungu leKomiti kaSodolophu neLungu lezeMali noPhuhliso loQoqosho Uceba uBen Solomon

Imisebenzi yeli lungu iquka:

- EzeMali, eziquka
  - Ulawulo lweeNkcitho neeMpahla;
  - Ingeniso;
  - IiNkonzo yeeNcwadi zeMali NeeNkonzo zolwabiwo-mali;
  - Ulawulo Loluhlu LwabaBoneleli BeeNkonzo; kunye
  - Ulawulo lweeNkqubo neNkcazelo; kunye
- UPhuhliso loQoqosho lwasekuHloleni, kuquka intlangano yorhwebo (Whale Coast Marketing).



### Iilungu leKomiti kaSodolophu leeNkonzo zoKhuseleko Uceba uRudolph Smith

Eli lungu lijongene:

- Ulawulo lommandla neenkonzo zemisebenzi eHermanus, eGansbaai/Stanford naseHangklip-Kleinmond;
- EzeziNdlu;
- Iiprojekthi zamaqumrhu; kunye
- NezeMidlalo neNkcubeko



### Iilungu leKomiti kaSodolophu leeNkonzo zoKhuseleko Uceba uMaira Opperman

This member is responsible for:









- Fire and Disaster Management;
- Traffic Services and Vehicle Licensing; and
- Law Enforcement and Security.




### Iilungu leKomiti kaSodolophu loLawulo lweeNkonzo Uceba uPhilip Appelgrein

Eli lungu lijongene:

- EzabaSebenzi;
- IiNkonzo zezCwangciso;
- EzoBugcisa (IT);
- IiNkonzo zoMthetho;
- IiNkonzo zoNxibelelwano lwamaQumrhu; kunye
- NeeNkonzo zokuXhasa iBhunga, iiNgxelo nooVimba



## i-Overstrand neewadi zayo



Umhlaba kamasipala wase-Overstrand uzizi-kwekhilomitha ezili-1708. Kulo mmandla kukho abantu abahlala apha abangama-90 000. Ikom-khulu lalo masipala lilapha eHermanus, kodwa iin-konzo zikamasipala zihanjiswa ngokwee-ofisi ezise-Gansbaai, eStanford, eHermanus naseKleinmond. Lo mmandla wahlulahlulwe wayimimandla emithathu yolawulo: iHangklip-Kleinmond, iHermanus eNkudlwana kwaneGansbaai/Stanford.

Lo mmandla ucadwe waziwadi ezilishumi elinesithathu, nganye yazo inoceba owonyulwe ngokungqalileyo. Aba ceba bona banced-wa yikomiti yewadi enamalungu alishumi. Amalungu eekomiti zewadi onyulwa ngokwedemokhrasi. Iintlangano nabantu ngabanye ziyamelwa nazo. Iikomiti zewadi zidlala indima ebalulekileyo ekuqulunqweni nasekuhla-hleleni isiCwangciso soPhuhliso esiHloniyelweyo neemfuno zolwabiwo-mali.

### Nazi ke iiwadi zase-Overstrand:

1. IKleinbaai, iFranskraal neMasekhane;
2. IBlompark, iGansbaai neDe Kelders;
3. EHermanus;
4. IWestcliff, iMount Pleasant neHemel-en-Aarde Valley;
5. UMzantsi weZwelihle (iHolo YoLuntu);
6. UMntla weZwelihle (iLukhanyo Primary School neHou Moed);
7. ESandbaai;
8. IHawston, iFisherhaven neHoningklip;
9. IKleinmond neProteadorp East;
10. IProteadorp West, iOverhills, iPalmet, iBetty's Bay, iPringle Bay neRooiels;
11. IStanford, iBaardskeedersbos, iPearly Beach, iViljoenshof neWitvoort;
12. UMntla-Ntshona weZwelihle; kunye
13. Ne-Onrus neVermont.



Ooceba abalishumi elinesibini kwabangamashumi amabini anesihlanu bamela amaqela ezopolitiko bebambe macala. Le nto itheth' ukuthi abahlali base-Overstrand banokusebenzisa amajelo ezopolitiko xa befuna ukuzisa imiba ethile engqalelweni yeBhunga. Mathathu amaqela ezopolitiko amelweyo: yiDemocratic Alliance, i-African National Congress kunye neNational Independent Civic Organisation.

## Ulawulo

### Umphathi Kamasipala Umn. uWerner Zybrands



UMphathi kaMasipala wonyulwa iBhunga. Uba likhonkco phakathi kwebhunga nolawulo, ayintloko yalo, ukwalingosa eliphendulisayo elifanele liphendule ngengeniso neenkcitho zikamasipala, impahla nezinye iimfuno, njengokubambelela ngokufanelekileyo kuMthetho woLawulo lweeMali zikaMasipala. Ngokwalo mthetho, ufanele abe nobuchule namava ekuphumezeni imisebenzi yakhe. Ekubeni ehambisana nemigaqo-nkqubo kamasipala, phakathi kwezinye izinto uqinisekisa ukuthi kumiselwa yaye kuphuhliswa ulawulo loqoqosho, ziyahanjiswa ngendlela ezinzileyo nelungeleleneyo, nokuthi kumiselwa amapolisa abasebenzi, kwaye alawuleke, aphuhlise aze aqeqeshwe nokuthi kulondolozwe imeko yezabasebenzi efanelekileyo. Ufanele abe ngunozakuzaku woluntu aze avelise inkqubo yokuhlola ukwaneliseka koluntu ziinkonzo zikamasipala.

Kwimeko yase-Overstrand, uMnu. uZybrands uxhaswa kule miba ingasentla liqela labalawuli bezi ndawo zilandelayo:

- EzeMali: nguMnu. uHenk Kleinloo;
- IiNkonzo ZoLawulo: nguMnu. uCoenie Groenewald;
- IiNkonzo ZoLuntu: nguMnu. uRoderick Williams;
- IiNkonzo ZoKhuseleko: nguMnu. uNeville Michaels;
- IziSeko ZoPhuhliso, UCwangciso NeeNkonzo ZoBugcisa: nguMnu. uStephen Muller; kunye
- UPhuhliso LoQoqosho: nguMnu. uSolomzi Madikane.